# ISALATHISO


Mfundi obekekileyo ..... iv

Isebenza njani le ncwadi? ..... v
Intshayelelo ..... vii
Isinikezelo ..... viii

**Inoveli ..... 1-40**

Isahluko 1 ..... 1
Isahluko 2 ..... 3
Isahluko 3 ..... 6
Isahluko 4 ..... 8
Isahluko 5 ..... 12
Isahluko 6 ..... 15
Isahluko 7 ..... 20
Isahluko 8 ..... 23
Isahluko 9 ..... 27
Isahluko 10 ..... 31
Isahluko 11 ..... 34
Isahluko 12 ..... 36
Yintoni Inoveli ..... 41-46
  Abalinganiswa nokubunjwa kwabo
  Isimo sentlalo
  UNobalisa/uMbalisi
  Umxholo
  Isimbo sokubhala
  Ukusetyenziswa koLwimi
Imibuzo ..... 47-54
Iinkcazelo zamagama ..... 55

# ISAHLUKO 1

UVelile wakhula eyinkwenkwana eqatha nedlamkileyo kakhulu. Wayehlala nomama wakhe ezilalini kuGatyana, ngezantsi kwedolophu, kude kufuphi nolwandle. Wayekwiminyaka elithoba uVelile. Uyise wayesebenza eMonti kwaDa Gama, umzi wokwenza amalaphu. Igama likanina yayinguNolwazi, uyise yena inguMonde. UMonde wayenebhongo ngenkulu yakhe[1] uVelile. Wayezidla ngemvelaphi yakhe; eyixabisile yonke into eligugu nelilifa kumaXhosa. Wayethanda ukuzithutha enjenje: 'ooNgconde, ooTogu, ooMlawu, ooKhawuta,' aqhubeke abheke phambili. Ngelo xesha indoda enkulu imana ukujonga phezulu iphekuza ngengalo yayo yasekhohlo. Kaloku uMonde yayingumKwayi. AmaKwayi kuthiwa ayemanye namaTshawe aze ohlukana phantsi kweemeko ezithile.

> Umlinganiswa oyintloko: Apha uVelile uvezwa njengomlinganiswa oyintloko. Sivezelwa okuninzi ngaye; ukudlamka kwakhe, iminyaka yakhe kunye nabazali bakhe. Sikwavezelwa nesimo sentlalo ukuba yindawo yasezilalini. Eli nqanaba libizwa ngokuba yingabula-sigcawu.

AmaTshawe ziikumkani neenkosi zamaRharhabe namaGcaleka. AmaRharhabe ami ngaseNtshona yomlambo iNciba, aze amaGcaleka ame ngaseMpuma yeNciba. INciba ngumlambo ohla uyokuthi ga ngolwandle, ezantsi kweelali zakuCentana. URharhabe noGcaleka ngabantu abanye nangona bakhe balwa ngokukruthakruthana[2] ngobukhosi. AmaGcaleka wona aphantsi kukaSigcawu.

> Apha sivezelwa imvelaphi kaVelile njengeTshwawe.

Le nto yokuzithutha kukayise yayimenza uVelile athabatheke, azive onwabile. Naye wade wakwazi ukuzithutha elinganisa uyise. Waba ngumntwana okhula ezidla ngesiduko sakhe. Maxa wambi wayeziqhayisela iitshomi zakhe ngokukwazi ukuzithutha engathintilizi. Wayeyithanda indlela uyise azingca[3] ngayo ngemvelaphi yakhe, ke ngoko naye wafuna ukukhula efana noyise.

> Kwalapha ekuqaleni kwebali sifumanisa ukuba unobalisa ngumntu wesithathu.

---

1 **Umntwana wokuqala ongumfana**
2 **Ngokubangisana**
3 **Azidla ngayo; ukuthanda into ethile kakhulu**

Utata wakhe ke wayengumntu osebenza nzima, enomzi omhle, imfuyo kunye nemali. UVelile wayengumntwana olungileyo; loo nto iboniswa kukuthanda impumelelo.

"Velile, nyana wam kuhle ukuba uthi ngelixa umncinci uyazi imvelaphi yakho. Ungathi xa sele umdala kube kungona ufuna ukuzazi ukuba ungubani wasemanini," wayedla ngokutsho uyise.



Yayiba ziintsuku ezimnandi ke ezi kuVelile xa ehleli noyise bencokoka ngolu hlobo. Uyise wayefana nomthombo wolwazi kuVelile, kulapho uVelile efumana konke ngempilo nangemvelaphi yakhe. Wayemfundisa ngokubaluleka kwezithethe nangamasiko akhe.

Nanku omnye umlinganiswa odlala indima ephambili ebalini.

"Amasiko nezithethe zakowenu ziyakwakha ungumntu nje nyana wam. Isizwe ngasinye sinamasiko aso athi alandelwe ukwakha isizwe eso. Iyenzeka ke into yokuba umntu alibale ngelakhe isiko, umbone sele ehamba ngelabanye abantu isiko. Ndifuna ulithande ke elakho isiko mntwana wam," yayiba ngalawo amazwi kaMonde kunyana wakhe.

UVelile ke wayengamameli nje koko wayewetyisa[4] amazwi kayise. Wakhula engumntwana onembeko nothandwayo ngabantu.

UBahle uvezwa njengomhlobo omkhulu kaVelile; loo nto ke isenza silindele ukumbona kwakhona apha ebalini.

Wayenomhlobo omkhulu uBahle. Wawungafunga ukuba bangabantwana bomzi omnye kangangendlela ababevana ngayo. Babehlala bebonakala bekunye. Babethanda ukudlala ibhola, bathi nokuba bahamba endleleni babe bekhabelana ibhola. Babehamba kunye xa besiya esikolweni naxa babuyayo. Wawungafunga ngenene ukuba bangamawele.

4 **Wayewanambitha; ukumamela into nzulu, ucinge ngayo ngokubanzi**